

Inombolo yefayili: 7/1/P
Isalathiso: 20240905-6535

ISetyhula: 0027/2024

Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), nakwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili)

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yenzelwe ukupapasha uMgaqo-nkqubo weziThuthi zeGaraji kaRhulumente (GG Transport Policy) weSebe leMfundo leNtshona Koloni wango-2024.*

Isihloko: UMgaqo-nkqubo weziThuthi zeGaraji kaRhulumente (GG Transport Policy) weSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) wango-2024

1. Injongo yale setyhula kukupapasha uMgaqo-nkqubo i-GG Transport Policy weSebe iWCED wango-2024.
2. UMgaqo-nkqubo i-GG Transport Policy weSebe iWCED wango-2024 uqhotyoshelwe apha yaye kufuneka uphunyezwe ukususela ngoku.
3. UMgaqo-nkqubo oqhotyoshelweyo umele ukuba nguvimba wengcaciso owodwa omalunga nokulawulwa nokusetyenziswa kwezithuthi zeGaraji kaRhulumente kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni, yaye uneenjongo zokuxhobisa abasebenzi nokubonelela ngemigqaliselo eyimfuneko ukwenzela ukuqinisekisa ukuba izithuthi ze-GG zisetyenziswa yaye zigcinwa ngendlela esebenza ngokuyimpumelelo, enoqoqosho nesekuhlani.
4. Yonke iMigaqo-nkqubo ii-GG Transport Policies yeSebe iWCED, yangaphambili, iyatshitshiswa ngokwenjenje.

5. Kucelwa nazise okukule setyhula bonke abasebenzi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2024-10-01